basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**XHOFA.2**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2014**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-22.**

# MORNING SESSION

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   **ICANDELO A: INOVELI**
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   **ICANDELO B: DRAMA**
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane **OMABINI.**

   **ICANDELO D: IMIBONGO**
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo **YOMIBINI.**

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni kwecandelo NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


WESTERN CAPE

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: IINOVELI**<br><br>Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo. | | | |
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **IPHEPHA** | **AMANQAKU** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | Umbuzo omfutshane | 5–8 | 35 |
| | | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | Umbuzo omfutshane | 8–11 | 35 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo. | | | |
| 3. *Ndiyekeni* | Umbuzo omfutshane | 12–15 | 35 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane. | | | |
| 4.1 *Itutu laseTikitiki* | Umbuzo omfutshane | 16–17 | 17 |
| | | | |
| 4.2 *Ikhikhizela laseDangwana* | Umbuzo omfutshane | 17–19 | 18 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo. | | | |
| 5.1 Ukungcwatywa kwetalente | Umbuzo omfutshane | 20–21 | 18 |
| | | | |
| 5.2 Intaba kaNdoda | Umbuzo omfutshane | 21–22 | 17 |


WESTERN CAPE

**ITSHEKHLISTI**

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|
| A: Iinoveli<br><br>*(Kusa Kusihlwa Umqol'uphandle)* | 1-2 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| B: Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)* | 3 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>*(Itutu laseTikitiki Ikhikhizela laseDangwana)* | 4 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| D: Isihobe<br><br>(Ukungcwatywa kwetalente Intaba kaNdoda) | 5 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: IINOVELI

Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

**UMBUZO 1**

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

**ISICATSHULWA A**

1.1 Funda esi isicatshulwa uze uphendule imibuzo.

> 'Andikhange ndithi akukwazi kuqhuba shishini Nomakhwezi, koko ndithi kufuneka umntu wasekhaya oyindoda oza kuba luncedo kuwe ...'
>
> 'Bendisazi ukuba usebenzela ukuba ibe ngaba bantwana bakowenu bodwa amabafumane iindawo ezibhetele …'
>
> 'Uthetha ukuthini xa utshoyo? Ingena phi ke le uyithethayo? Kukho into ebhetele ekusebenzeni evenkileni?'
>
> 'Xa ingekho kutheni ufuna ukukhupha uThamsanqa emsebenzini wasegaraji umzise apha kanti le ndawo ayikho bhetele? Ufanele kaloku udadobawo akangabo aba bantu bakho undifihlela bona.'
>
> 'Kwowu! Ukuxoxa okanye ukubonisana nawe ngomcimbi kufana nje nokuzikhanda ngenyheke elityeni. Uthetha oku komntu ongqondo ithiwe lwale lilifu lobudenge ... Into oyifunayo kukuba kwenzeke le nto uyicingayo nokuba ibheke ecaleni, kuba kaloku weva ngoothoba-sikutyele ukuba indoda iyalawulwa ...'
>
> 'He wethu Lungile, uzama ukundixelela ukuba andinangqondo, andibhadlanga, andiyazi into endiyithethayo? Ewe kaloku ndisisidenge kuba kaloku bakhona ooNonkazimlo abakucebisayo ukuba musa ukubafuna abantu bakuthi ndawonye nam ... Ndingafana ndisesi sidla ubulongo, into engazi kwenzeka yona yile yokuba umane ucetyiswa emacaleni ufike sewuphefumlela phezulu, undibikela le nale emzini wam, Lungile. Kwaye futhi into yixoxe nam kuqala uyeke ukufika undinike imiyalelo ngathi ndiyintombi yakho.'
>
> 'Mfum, uthetha imfungumfungu yodwa <u>mfazindini</u>. Kwaye ndiyakukrokrela ngathi ikho le ishiya ezinye.'

1.1.1 Yintoni ebangela ukuba uLungile afune ukuba uThamsanqa aze kuncedisa evenkileni? (1)

1.1.2 Kubonisa ntoni oku kulandelelaniswa kwemibuzo kule ntetho kaLungile ilandelayo?

'Uthetha ukuthini xa utshoyo? Ingena phi ke le uyithethayo? Kukho into ebhetele ekusebenzeni evenkileni?' (1)


WESTERN CAPE

1.1.3 Xela naziphi izinto EZIMBINI ezikhalazelwa nguNomakhwezi kuLungile kwesi sicatshulwa. (2)

1.1.4 Ubhekisa koobani uNomakhwezi xa athetha ngooNonkazimlo kwesi sicatshulwa? (1)

1.1.5 Bayifumana njani ooLungile le venkile? (1)

1.1.6 Umbhali wenza ukuba sibave abalinganiswa kwesi sicatshulwa bexambulisana.

(a) Xela ukuba oku kuvelisa oluphi udidi lwempixano. (1)
(b) Le mpixano uyixele kumbuzo (a) ibe naziphumo zini kubudlelwane bukaNomakhwezi noThamsanqa? (2)

1.1.7 Injongo yokusetyenziswa kweli gama linomgca ngaphantsi sisithethi, '… uthetha imfungumfungu yodwa mfazindini'.

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Kukumtyhafisa umfazi
B Kukumncoma umfazi
C Kukumjongela phantsi umfazi
D Kukumkhuthaza umfazi (1)

1.1.8 Yiyiphi enye ingxabano kaLungile noNomakhwezi elandela le ilapha kwisicatshulwa? (1)

1.1.9 Ucinga ukuba isiganeko sokusweleka kukaNozililo umbhali usibeke endaweni efanelekileyo ebalini. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.10 Cacisa ukufaneleka kweli binzana ngokubhekiselele kuNomakhwezi, '… ongqondo ithiwe lwale lilifu lobudenge'. (2)

1.1.11 Mfundiso ni edluliswa ngumbhali ngezizalwana ngokusebenzisa uThamsanqa noYolisa kule ncwadi? (2)

**ISICATSHULWA B**

1.2 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo.

Kwakhona emva kweeveki ezimbini kubuywe kwayiwa eLusikisiki. UYolisa wayengahlalanga ndawo, esihla enyuka elungiselela eli theko lomzukulwana wakhe kuKhamisa. Nalapho zakhutshwa izaziso bamenywa abantu kangako.

... Yayibalulekile loo mini kuMpondo kuba nekumkani ngokwayo yayikho iza kunikwa ithuba lokwenza intetho kweli theko.

Waphuma wonke umgwenye obomvu, wazinikela kwezi zawukawu. Lathi lingekaqalisi netheko kwaba sekuvakala, ukutshongola nokungqungqa kweemazi ezimabele made ukanti iintshili neenkxentsi apha ekhabeni nakumthinjana zazisina iingodwane. Ufazana olu lwalude luphukaneke luyiyizele ngokungathi ngumhla womtshato okanye ngogayi ...

Zenziwa iintetho zizinxiba-mxhaka zasemaMpondweni zidibene nemantyi yaseLusikisiki. Kwakuzele ngabanye oogqirha baPhesheya kweNciba. IKumkani yamaMpondo aseQawukeni yona yabachaza abantu ngokuthi entethweni yayo: '... Thina maMpondo sinethamsanqa kuba namhlanje sizalelwe unyana, othe naxa imfundo yakhe eyifumene elizweni, kodwa inkaba yakhe yamtsalela ekubeni eze kokwabo kooyise. Ke lusapho lukabawo, msingatheni lo mntwana kuba ngowenu; akuphuma endleleni mthundezeni, ningadinwa nguye kuba akayi ndawo. Wena ke nyana, mzukulwana kaGadla, naba abantu bakowenu, amaMpondo omthonyama oqobo, othande ukuba uze kusebenza kuwo. Nawo akwamkela ngothakazelo nangovuyo njengenzala yalapha. Egameni lomzi wasemaMpondweni, ndikunqwenelela impumelelo nekamva eliqaqambileyo.'

Kuthe emva kokuba kuthethe ikumkani, kwadubula ufafa olude, utyingotyingo olugetyezela okwengcongolo yodada.

1.2.1 Xela igama lale ndawo lenzelwa kuyo eli theko kuthethwa ngalo kwesi sicatshulwa nesizathu sokuba lenzelwe kuyo. (2)

1.2.2 Xela isiganeko esenzeke kwitheko likaMpumelelo elalenzelwe eThekwini neziphumo zaso. (2)

1.2.3 Yintoni injongo yombhali yokuzixela zonke iindidi zabantu ababekweli theko? (2)

1.2.4 Tolika le ntetho, '… akuphuma endleleni mthundezeni …', uchaze ukuba iphuhlisa ukuba le Kumkani ingumntu onjani. (2)

1.2.5 Umbhali uluchaza olu fafa lude ngokusebenzisa isifaniso.

(a) Chonga esi sifaniso sisetyenziswe ngumbhali. (1)

(b) Chaza ukuba kutheni kusetyenziswe esi sifaniso usibhale kumbuzo (a). (1)

1.2.6 Cacisa indlela uNtongana asetyenziswe ngayo ngumbhali ekuqhubekiseni phambili ibali? (2)

1.2.7 Ifana njani indlela obuphele ngayo ubomi bukaNozililo noNtongana nendlela obuphele ngayo obukaNomakhwezi noLungile? (2)

1.2.8 Ngokoluvo lwakho ngubani ongunobangela wokusweleka kooLungile phakathi kukaNomakhwezi noNozililo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

1.2.9 Umbhali uwasebenzise njani amaphupha kaMpumelelo angooyisemkhulu bakhe, ekuveliseni izigqibo aza kuzithatha ngekamva lakhe. Cacisa. (2)
**[35]**

**UMBUZO 2**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA A**

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ekufikeni kwakhe eofisini, umfo kaHlobo ufike wazibetha ngeglasi ye*whisky,* into ebekholisa ukuyenza xa acinga nzulu.

Nanamhlanje wayengonwabanga ziingcinga. Ingcombolo yebali likaDuma yayinkenteza engqondweni. Izinto awaqala ngokuzivuyela akuziva, ecinga ukuba ziza kuwenza lula umsebenzi wakhe, wayexakene nazo ngoku. Zangqinwa zonke nguLinda akuzibuza bevingcelene esitywetyweni. Wakungqina ukulahleka kwevolovolo; wakungqina ukufika kweendwendwe zase*Moonglow*; waphinda walitsolisa elokuba akayazi indlela ebuye ngayo ivolovolo yakhe, seyibhaqwa isengxoweni yakhe nje.

Yena ke wazikhumbula zonke ezo ndwendwe, wazibiza ngamagama. Yayizizihlobo zakhe kunjalo nje, ezinye ingamaqabane akhe asenyongweni. Yayiziindedeba zequmrhu elilawula *iMoonglow*, naye eqeshwe zizo. Abantu abo wayeqinisekile yena Linda ukuba babengenakuba nalwazi ngevolovolo yakhe. Yayingabantu awayengenabutshaba nabo.

Bonke yayingabantu awayengazange eve kusithiwa banento abakhe baxabana ngayo noEddie. Wade waleka ngelithi uLinda, 'Nangona uEddie ebengemntu ukhe ayiphathe kum imicimbi edla yena nequmrhu lakhe lase*Moonglow*, zona iingxabano phakathi kwakhe nabequmrhu ebengade mhlawumbi noko azithi thsuphe kum njengoyena mhlobo wakhe usenyongweni. Kodwa ke andikhumbuli namininye endixelela ngeengxabano. Ngoko ke ndiyaqiniseka, zazingekho. Nam ke bendinakho ukuzibonela ukuba zazikho; andilulo olo lubomvu noko usana.'

2.1.1 Xela indawo eyafumaneka kuyo ivolovolo kaLinda. (1)


WESTERN CAPE

2.1.2 Ngokwesicatshulwa xela izinto zibe mbini uLinda awayeqiniseke ngazo malunga nezi ndwendwe zase*Moonglow*? (2)

2.1.3 Yayiyintoni injongo kaHlobo yokuya kwaLinda? (1)

2.1.4 Cacisa ukuba asisigqebelo njani la mazwi kaLinda 'Nam ke bendinakho ukuzibonela ukuba zazikho …'? (2)

2.1.5 Sizathu sini esibekwa nguLinda esabangela ukuba angachazi emapoliseni ukuba ivolovolo yakhe ilahlekile? (1)

2.1.6 Phakathi koDuma Hlelo noJoe Bumba ngowuphi onike obona bungqina bube luncedo ekuveliseni elubala ababulali bakaEddie? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.7 Ukungaxelelwa kukaLinda zonke izinto nguEddie kube naziphumo zini kuLinda ngokubhekiselele kwityala abekwa lona? (2)

2.1.8 UDuma ubonakalise isimilo esahlukileyo kwisikhululo samapolisa akungena uHlobo. Ngqina oku ngokwasencwadini. (1)

2.1.9 Ukucinga nzulu nokungonwabi ziingcinga kukaHlobo kwesi sicatshulwa kubonakalisa ukuba unempixano.

(a) Xela udidi lwempixano anayo uHlobo. (1)
(b) Chaza ukuba le mpixano iliqhubekisele phambili njani ibali. (2)

2.1.10 Umxholwana wokuba umntu uyakwazi ukuthi kanti akayiyo le nto azenza ngathi uyiyo uphuhliswe njani ngumbhali ngokubhekiselele kumalungu ase*Moonglow*? (2)

**ISICATSHULWA B**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Imigudu eyayilapho ayinambaliso. Kaloku ndandingasebenzi, kungekho namntu ndandijonge kuye. Eyandincedayo yeyokuba unina wamshiya nobumalana; ndaba njalo ndinakho ukumsa nasesinaleni eDikeni. Waphuma apho ezigqibe zonke iincwadi ezifundwayo kweso sikolo.'

Akabanga nakho ukuyibamba intsini okaHlobo, 'Uthi wazigqiba kwathi tu ezaseDikeni?' ubuzile.

Ayiphendulanga intokazi enkulu koko ibonakalise ukumangaliswa, ingathi ayiyiboni ehlekisayo kuleyo ibiyithetha. Iqhubile yona: 'Kodwa ke yabambi endayenziwa nguEddie. Waphantse wandibulala. Cinga nawe ukuthi ndimfundise nzima kangako suke yena ahambe ekhondweni laba tsotsi bethu sibazalayo.'

'Yintoni ngoku kaloku?'


WESTERN CAPE

'Ndithi wandilahla mhla wafumana umsebenzi obhetele. Ewe, nkos'am, banjalo bonke abantwana abafundisiweyo kula maxesha sinawo.'

'Yini na sis' omkhulu! Ubenzani na abantwana abafundileyo?'

'Yiva mna ndikuxelele; banjalo ngokwenene. Ndithi wandilahla naye uEddie. Kodwa ke ngethamsanqa, akandilahla kwathi nya. **Umkhondo** wakhe emva kokunyamalala ndawuva kwiminyaka emine edlulileyo. Nakule into, ndisabulela abantu abafunda amaphephandaba.'

'Abafundileyo ke ngoko, andibi?'

'Abafundileyo ke, kulungile. Kodwa ke bandinceda abafundi maphepha. Ndeva kusithiwa nanko eMonti, kusithiwa naku naku eganyile. Ndathi ndakubuza kanti oko kuganya kukuba yiManejala yombutho wootsotsi.'

'Umbutho wootsotsi?' ubuze ebothuka uHlobo.

'Umbutho wootsotsi nangoku. Ndiza kuthi yintoni ke imbutho yasebusuku yolutsha?'

2.2.1 Le ntokazi ithetha noHlobo kwesi sicatshulwa izenza bani? (1)

2.2.2 Ithi yancedwa yintoni le ntokazi ukuze ibe nakho ukusa uEddie esinaleni? (1)

2.2.3 Ilufumene phi ulwazi lokuyinceda izenze lo mntu izenza yena? (1)

2.2.4 Xela injongo yokusetyenziswa kobaxo kule ntetho ilandelayo.

'Waphuma apho ezigqibe zonke iincwadi ezifundwayo kweso sikolo'. (2)

2.2.5 Ukusetyenziswa kwegama **'umkhondo'** elibhalwe ngqindilili kuphuhlisa ntoni ngobudlelwane bukaEddie nalo mntu le ntokazi izenza yena? (2)

2.2.6 Ngokolwazi lwakho lwebali yintoni injongo yale nkosikazi yokuphindaphinda igama 'ootsotsi' xa ithetha ngoEddie ne*Moonglow*? (2)

2.2.7 Ziziphi izenzo zikaThembisa Ntlokonkulu ezimveza njengomgewu? (3)

2.2.8 Kule ntetho ikwesi sicatshulwa 'banjalo bonke abantwana abafundisiweyo kula maxesha', kusetyenziswe …

Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

A ulwimi olubonisa ingcinga eqhathayo.
B ulwimi oluqulethe ingcinga enye ebethelelekileyo.
C ulwimi olubonisa ingcinga ecalanye.
D ulwimi oluqulethe ukuchukumiseka. (1)

2.2.9 Yintoni ethethwe nguLinda malunga nokusela kwakhe kwaMamKhey eyenze ukuba uHlobo amrhanele ekufeni kukaEddie noLulama? (2)

2.2.10 Shwankathela ngezivakalisi EZINTATHU isimo sentlalo selokishi yakwaTsolo. (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo osetwe kwidrama.

## UMBUZO 3

### *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### ISICATSHULWA A

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

*(Ngobusuku baloo mini sifumana uMnu.Ndila kwaMadala ...)*

Ndila: Ukuqeshwa yeny' into bawo, ukhonya okweBhulu efameni yalo.

Madala: Ngaba sesisanyankomo, ecinga ukuba isikolo esi ngamagqub' akhe.

Nonci: Kanti makazi ukuba uDicksie lo naye uzalwa ngabantu njengaye, akaphumi zidulini.

Madala: Masango, khawuthule uza kuwona lo mcimbi.

Nonci: Hi bantu benkosi! Ndathi ndivelana nomntwana kaMamCirha, kanti nditheza olunenkume.

Madala: Nisuka niquphe ukuthetha oku, nixhaph' amagwebu ningekayifumani nenyongo yento ekuthethwa yona ngobufazi obu benu-he! Mfanandini uza uphethe mcimbi mni kweli khaya, usithi mandombele yiphi ingoma?

Ndila: Tshangisa! Skhomo! Kudala undinyula ezinyuleni, namhlanje ndigxampuza kokaThisayo umgxobhozo.

Madala: Ngako oko inqanawa iya kufuna embombo imiqokozo.

Ndila: Kunjalo kanye Tshangisa. UMawonga undityhola ngokunxila esikolweni. Ukuba ndiyanxila, ndizinxilela phaya ezingqaqeni kambe ke sele ndithembise ngomnyango ...

Madala: Masidlule apho mfo wam. Ingaba yintoni ekuthuthe yaza kukubek' apha?

Ndila: Ngomso Tshangisa yintlanganiso yenu, niza kubizelwa lo mcimbi. Ndithe ke ndakuqonda ukuba iliwa libhek'umoya ndabalekela kuwe.

Madala: Utsho usithini ke mfo wam? Andithi ungumXhosa? Ngoko ke uyayazi ukuba isithabathaba yinkuthazo kwaXhosa.

| | |
|---|---|
| Ndila: | Sendiyilungiselele loo nto (*Watsho emnika ama-R25, 00*). Ndihambe kangakanani na Tshangisa? |
| Madala: | Unani na mfondini? Ikhulu liyintoni kunokulahlekelwa ngamawaka oya kuwamkela ubomi obu bakho x'usindile? |

3.1.1 Kuxesha liphi ngoku kuqhubeka le ngxoxo? (1)

3.1.2 Yintoni ekhokelele kule ngxoxo? (1)

3.1.3 Nika umsebenzi ube mNYe wezalathisi zeqonga. (1)

3.1.4 Uyintoni uMadala kwisikolo iNobutho *Higher Primary*? (1)

3.1.5 Cacisa ukuba le ntetho kaNdila ithi, 'Kudala undinyula ezinyuleni …' iphuhlisa ntoni ngobudlelwane bukaNdila noMadala? (1)

3.1.6 Kwakutheni ukuze uZuma noJekwa bathi makuvotwe kule ntlanganiso athetha ngayo uNdila? (2)

3.1.7 Kwintetho kaMadala ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa kusetyenziswe …

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

A ulwimi olubonisa ingcinga eqhathayo.
B ulwimi oluqulethe ingcinga enye ebethelelekileyo.
C ulwimi olubonisa ingcinga ecalanye.
D ulwimi oluqulethe ukuchukumiseka. (1)

3.1.8 Yintoni injongo kaMadala ngala mazwi, 'Ikhulu liyintoni kunokulahlekelwa ngamawaka oya kuwamkela x'usindile?' (2)

3.1.9 Ngokwesigqibo sentlanganiso, bonisa ukuba iinjongo zikaNdila zokundwendwela kwaMadala azizange ziphumelele? (2)

3.1.10 Isizathu sokuphelelwa kukaMawonga ngumsebenzi nesiphumo saso siyafana nesikaNdila. Cacisa. (2)

3.1.11 Bonisa ukuchaneka kwegama elithiywe uMaziko ngumbhali. (2)

3.1.12 Chonga ibinzana kwesi sicatshulwa eliphuhlisa umxholwana webali othi, 'inzuzo iqhubela abantu ekwenzeni izinto ezingalunganga'. (1)


WESTERN CAPE

**ISICATSHULWA B**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| Mawonga: | Kuthe kanti ningamadoda, boys (*atsho eyithabatha. Ibe yimigudu ukusa emlonyeni isandla sityityimba.*) |
| Vuma: | Ungangxami mfundisi hleze iphalale. |
| Hombakazi: | O! Guga sithebe. **Yingwe le ekuhlohleni.** |
| Mawonga: | Asina ededelana kweli gada. |
| Nzima: | Kodwa Loni unxila kakubi wena ngathi akufundanga khawenze nawe kudala usela obu bethu utywala. |
| Diliza: | Mfo wethu. Wenna! Ungagabadeli, yititshala yakho le uthetha nayo ngolu hlobo. |
| Nzima: | Suka akutitshwa ngoku, sisela utywala singamadoda sonke. |
| Mawonga: | Alright boys, Thulethu, sapha ihafu. |
| Thulethu: | Unotshe! Iphi imali? Akubhatali wena. |
| Mawonga: | Ndinayo imali. |
| Thulethu: | Ina ethe kuqala usandibamba imali yestreyiti nangoku. |
| Mawonga: | Eli lizwe limi ngemboleko mntanam. Ukuphila ngeenkozo yinto yabantu abasele bephumelele. |
| Thulethu: | Imali kuqala ubuciko abuzi kunceda nto. |
| Mawonga: | Enkosi (*ethabatha ihafu*). (*Kuselwe kwada kwasebusuku. Uphume apho uMawonga wonda ngendlu kaFuneka*.) |
| Mawonga: | Nkqonkqo! Nkqo!<br>(*Cwaka*) Zanele, Zanele! (*Cwaka*) Zanele vula!<br>Nkqonkqo! Nkqo! (*Cwaka*) (*Tywalakahla-wahla wophula ifestile.*) |
| Zanele: | Yintoni ebusuku apha? |
| Mawonga: | Vula uza-ku-ndiva. Vula, vu-u-u-la. |
| Zanele: | Kudala ndakuxelela ukuba funa ndawo yimbi. |
| Mawonga: | What? Uqhele ukubancuva, ubancuve ubalahle.<br>Vula (*abethe ucango ngamandla.*) |

| | |
|---|---|
| Zanele: | Uyakomela apho. |
| Funeka: | Mawonga, uhlawula irente apha? Siza kungalali ngenxa yakho? Uyaqala ukwaliwa? |
| Mawonga: | Ungena phi wena? Zanele, vula (*Cwaka*) Akulalwa, tu. Imali ya-a-m! Enga-aka? Vu-u-u-la Zanele. (*Cwaka*) |

3.2.1 Bazana njani uDiliza noMawonga? (1)

3.2.2 UMawonga waqala njani ukusela utywala? (2)

3.2.3 UThandiwe wanikwa cebo lini ngooNaniwe malunga nokuthandana kukaZanele nomyeni wakhe? (1)

3.2.4 Chaza indlela uMaziko asifumene ngayo isikhundla sokuba yinqununu eNobutho. (2)

3.2.5 Amazwi athi, 'Kodwa Loni unxila kakubi wena ngathi akufundanga ...' abonisa ntoni ngoNzima? (1)

3.2.6 Ngubani igama lenkosikazi kaNdila? (1)

3.2.7 Le ngxoxo iqhubeka kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali? (1)

3.2.8 Ukugxothwa kukaMawonga kwaFuneka kwenze ukuba uMawonga akhathazeke, abe nomvandedwa.

(a) Xela udidi lwempixano ebonakala kuMawonga. (1)
(b) Chaza isiganeko esibe sisiphumo sale mpixano uyixele ku(a) (2)

3.2.9 Xela udidi lwesafobe olusetyenziswe kwintetho kaMawonga enomgca ngaphantsi. (1)

3.2.10 Yititshala enjani le ichazwa libinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)

3.2.11 Yintoni injongo kaMawonga yokuthetha la mazwi alandelayo?

'Eli lizwe limi ngemboleko …' (1)

3.2.12 Umbhali uvelisa ntoni ngempindezelo kweli bali? (1)

3.2.13 Bonisa ukuba buphuhliswe njani ubungozi bokusetyenziswa kotywala ngokugqithileyo kule ncwadi. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**


WESTERN CAPE

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula imibuzwana esetwe kumabalana OMABINI.

### UMBUZO 4

### *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no Z Siguqa

### ISICATSHULWA A: ITUTU LASETIKITIKI – LL Ngewu

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Ekufikeni kwakhe kowabo uThobile uxelelwe nguyise ukuba naye umncamile oko wancanywa nangutitshala uXakanisekile umfo kaNcamani. UThobile wahlukene nesikolo wahlala ekhaya emana ukukhalinywa xa kubonwa ukuba **uvukwa likakade lakhe**. Xa eneminyaka elishumi elinesixhenxe ukhe wafumana umsebenzi kwenye yeevenkile zakuTsolo, kodwa wathi engekohlulakali kuyaphi kukothula iingxowa zombona, unovenkile akabi nakumnyamezela ngenxa yobututu bakhe.
>
> Uchithiwe apho kuloo venkile, koko wanethamsanqa lokufumana umsebenzi wokolusa impahla egcinwe esikiti apho kuTsolo. Lo asinguwo umsebenzi ebewuthanda uThobile, koko uwamkele ngenxa yokuxakwa emana ezithundeza mihla le ezithuthuzela ngelithi, '*nehashe liyadliwa emfazweni xa kunyembelekile*'.
>
> Lo msebenzi wakhe wasesikiti uhambe wahamba wamvulela isango lobusela. Ubekwazi ukuqokelela iinkomo zabantu edlelweni aziqhube azise esikiti anqabe nazo kubaninizo ngelithi, kuba zibanjwe kumhlaba kamasipalathi kufuneka bezihlawulele. Nakuba unkabi wayeqhele imali entle nje ubeyamkela naleyo yabanini nkomo incinci injalo, azixolise ngelithi uchintsi akafani noshici. Ekuhambeni kwexesha ungenwe ngumkhuba wokuthengisela amasela iinkomo ezibanjiweyo. Emva kwethuba kubanjwe yena buqu wakha wachitha iinyanga ezintathu enkolonkoloza esiseleni.
>
> Uphume apho engahlukanga kuyaphi kwisabonkolo esitshelwe ziziceku nakuba ke ubusela bebumchewule nje. Kuphele iinyanga ezintandathu engasebenzi, ehleli eTikitiki kowabo, nakuba apha kowabo ebengohlukanga kundwendwe olungamkelekanga.

4.1.1 Bafika bevela phi uThobile noyise? (1)

4.1.2 Yayiphi ivenkile uThobile awaqashwa kuyo emva kokuba egxothwe esikolweni? (1)

4.1.3 Senzo sini esibangela ukuba kuthiwe uThobile wancanywa nangutitshala uXakanisekile? (1)

4.1.4 Matanisa ibinzana elikuKholam A nentsingiselo ekuKholam B. Bhala kuphela unobumba ohamba nempendulo ecaleni kwenombolo.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) '… *nehashe liyadliwa emfazweni xa kunyembelekile*'.<br><br>(b) '… uchintsi akafani noshici' | A Akukho nto ingenasizathu sayo.<br><br>B Xa imeko imbi nantoni na enokuba luncedo uyayisebenzisa.<br><br>C Intwan'encinane ayifani nengekhoyo. |

(2 x 1) (2)

4.1.5 Bobuphi ubusela awayekhe wabenza uThobile phambi kobu buxelwe kwisicatshulwa? (2)

4.1.6 Isiganeko sokugwetywa kukaThobile emva kokuba ebe isidumbu senzeka kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.7 Umbhali usivezela ntoni ngale titshalakazi yebanga lesithathu xa isithi, 'ixolele ukuya kuxobula amakhasi ombona ekhaya endaweni yokuxambulisana nenkwenkwe engenasimilo'? (2)

4.1.8 Ubusela bukaThobile buyonakalise njani imvano phakathi kwabazali bakhe? (2)

4.1.9 Cacisa indlela isihloko, 'itutu laseTikitiki' esingqamene ngayo nokwenzeka ebalini. (2)

4.1.10 Ngokwebali uThobile ungumlinganiswa oguqukayo. Ngqina oku. (2)

**ISICATSHULWA B: IKHIKHIZELA LASEDANGWANA – LL Ngewu**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Apho kulunge khona oku kutya, uMaKheswa ukuphakele engaqondanga kwisitya esasiqondene ngqo nomninikhaya esaphila. Usigqithisele kunyana wakhe ngezandla ebezingcangcazela ngokungathi unedyudyu. Wothuke wabanda ukubon' ukuba nezandla zonyana wakhe zingcangcazela okwazo. Uzixolise ngelithi olu ngcangcazelo kunyana wakhe lunokuba luntama ukuba umntu lo uphethwe kakubi liphango. Uhlobo adle ngalo lo rhunta lwenze ukuba umfaz' olilolo athand' ukuqiniseka ukuba udibene nesokwenene isithunzela …

Umbono womntu obekubonakala ukuba ubhejele ukungayiphumzi imihlathi yakhe imenze uMaKheswa akabi nakuyinyamezela le meko. Ukekelele ngakwigumbi lakhe lokulala nakuba ubengabonakalisi kusindwa bubuthongo nje. Ufike apho wagoqulula ekhangela ukuba akukho mpahla zikaFikizolo ezinokuba zashiyeka naxa wayegqithisela impahla zomfi kumadoda amakhulu akwaMbongo.

Ukhangele ngobunono lumthe merhe uvalo koko akafumana nto …

*'Yho, mama, abantu endandifunda nabo kanti bafunde kangaka!'*

Uye wathula cwaka uFanabekho eqonda ngokumhlophe ukuba akukho nto yakhe. Ubekwacinga ukuba xa aneminyaka engamashumi amathathu ananye angenza ntoni ukubuyisa ixesha alichithela ebuxelegwini koko kwacaca ukuba inkal' ixinge etyeni. Ukhumbule uhlobo ahlaselwa ngalo ngabantu bakwaNobuhle bemohlwayela ubusela bamshiya besithi bamosele. Ucinge iinyanga ezintathu azichitha entolongweni ngokuba nje ihempe venkileni ithile. Ugqibe kwelokuba unina lo akayazi into yokuba uhleli nomguvela wokuqala nowokugqibela.

4.2.1 Ngubani lo mninikhaya kuthethwa ngaye kweli balana? (1)

4.2.2 Chaza ngeengongoma eziMBINI umyalelo owanikwa uMaKheswa ngumthandazeli emva kokuba efunde umzekeliso wonyana wolahleko. (2)

4.2.3 Sahluke njani isizathu sokungcangcazela kwezandla zikaMaKheswa kwesokungcangcazela kwezandla zikaFanabekho? (2)

4.2.4 Singqamana njani isihloko sebali 'ikhikhizela laseDangwana' nomlinganiswa oyintloko? (2)

4.2.5 Xa uMaKheswa esithi uFanabekho ngumququ oko kubonakalisa ukuba uvakalelwa njani? (1)

4.2.6 Yintoni eyayibangela uSonwatyisiwe Tyiweni arhaneleke ukuba uya kufundela ukuba ngugqirha? (1)

4.2.7 Amazwi athi, '… uFanabekho wayenomvandedwa engazimiselanga kuyithetha esidlangalaleni intlungu yakhe', abonisa ubukho bempixano.

(a) Xela udidi lwempixano olubonakala kuFanabekho. (1)
(b) Chaza unobangela wale mpixano uyixele kumbuzo (a). (2)

4.2.8 Igama elisetyenziswa ngumbhali elithi, 'urhunta' xa abhekisa kuFanabekho, limfanele? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.9 Nguwuphi umfanekiso ntelekelelo oveliswa sesi sivakalisi, '… ubhejele ukungayiphumzi imihlathi yakhe'? (1)

4.2.10 Ukuba ubunguMaKheswa kwaye ulahlekelwe ngunyana wakho ubuza kwenza ntoni ukuzama ukumfuna? (1)

4.2.11 Uvakalelwe njani uFanabekho akuva ukuba umhlobo wakhe uyi*pharmacist*? Cacisa. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO D: ISIHOBE – *VUKANI MADODA KUSILE*

Phendula imibuzwana esetwe kwimibongo YOMIBINI.

### UMBUZO 5

5.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**UKUNGCWATYWA KWETALENTE – C Nqakula**

Ndithi ndakucinga indlela endiphile ngayo emhlabeni,
Ubomi endingenakho ukuthetha ngabo ngeqhayiya,
Kuba kungekho msebenzi mhle endithi ndiyawushiya
Njengokuba sendisondele kangakanana ngoku ekufeni,
Ndiqonde ukuba bendinokuzidla okukhulu emphefumlweni
Okwenze ukuba ndingabinasipho ndisinikezela eluntwini
Ngeenjongo zokuphucula isizwe sam ezizweni,
Ukuze singabisosizwe sabangqibi, sihluthe esiswini.

Umntu ngamnye uyintsika nomsimelelo wabanye,
Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi
Eza nempucuko nempumelelo nempilo nakwabanye,
Kuba kaloku sonke emhlabeni singabakhonzi.

Inkonzo yethu mayityhutyhe ilizwe;
Iitalente zethu mazikhonze isizwe.

5.1.1 Ikhathazwe yintoni imbongi kwisitanza soku-1? (1)

5.1.2 Nika imvano-siphelo efumaneka kwesi sitanza soku-1 uze uxele ukuba isetyenziselwe ntoni. (2)

5.1.3 Imiqolo emine yokuqala ibonisa ukuba imbongi ivakalelwa njani? (1)

5.1.4 Cacisa ukuba ibinzana, 'singabisosizwe sabangqibi, sihluthe esiswini', kumqolo wesi-8 lithetha ntoni. (1)

5.1.5 Chonga isikweko esifumaneka kumqolo we-9 uze uxele nomsebenzi waso. (2)

5.1.6 Ukuphindaphindwa kwelungu u-nye kwisitanza sesi-2 kube nafuthe lini kumxholo wombongo? (2)

5.1.7 Chaza okuthethwa yimiqolo EMIBINI yokugqibela kulo mbongo. (2)

5.1.8 Kokuphi oku kukhonza imbongi ithetha ngako kumqolo we-14? (1)

5.1.9 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)

5.1.10 Kutheni imbongi isebenzisa uphindaphindo lwesandi u-mp kulo mqolo we-11? (1)

5.1.11 Bobuphi obu bomi ithi imbongi ayinakuthetha ngabo ngeqhayiya? (1)

5.1.12 Isihloko salo mbongo 'ukungcwatywa kwetalente' siyangqinelana nokuthethwa kumbongo. Ngqina oku. (2)

5.2 Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo uze uphendule imibuzo.

**INTABA KANDODA – LS Ngcangata**

Ngxatsho-o-o-o ke, mzi wasemaXhoseni!
Ngxatsho-o-o-o ke, hlanga lakwaluhlanga!
Ndithetha nani, zidwesha namagqiyakazi.
Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthinjana.

YiNtaba kaNdoda intaba yeentaba.
Yintab'encoph'isondel'ezulwini.
Yintab'ezinyaswe ngamahlath'akwaHoho,
Inge ithozamel'ukuthandazel'imvula.

Kulapho kutsholoz'iintaka neenyamakazi,
Ngokungathi zidumis'uQamata ngesihomo;
Zimzukisa ngokudala le Ntaba kaNdoda;
Zimbamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.

Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba.
Yintab'esiya kuqhayisa ngayo ezizweni.
Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany'iintlanga,
Kuba yintab'engundoqo weembali zakwaRharhabe.

Ntabandini ukuba ubukhula ngendithetha ndophele.
Ndithi **ngendityibela, ndityondyotha, ndityatyadula**.
Ngendisithi khul'ud'ukhuluphale kodwa ungakhokhobi
Ngendisithi khul'ud'ufike khon'ezulwini.

Uthume izijoli zize kusidlel'amathol'eendaba;
Zisibalisele ngezinto zalapho kwikhaya lolangazelelo;
Zisichazele ngezinto ezenzek'ezulwini;
Zisixelele ngamaXhos'ababalwe ngobomi baphakade.

Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
Kwez'uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
Bafika babek'ubilo kuyo le ntaba,
Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.

5.2.1 Chonga ibinzana elibhekisa kulutsha olungamakhwenkwe namantombazana, uze uchaze ukuba lisetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni. (2)

| | | |
|---|---|---|
| 5.2.2 | Chaza ulwakheko lwangaphandle lwesitanza soku-1 nesesi-2. | (2) |
| 5.2.3 | Nika isafobe esifumaneka kumqolo wesi-8 uze ucacise ukuba siphuhlisa ntoni ngale ntaba. | (3) |
| 5.2.4 | Ukushiywa kwezikhamiso kumqolo wesi-6 nowesi-7 kusetyenziselwe ntoni? | (1) |
| 5.2.5 | Xela uhlobo lophindaphindo olukrwelelwe umgca ngaphantsi ukusuka kumqolo wesi-5 ukuya kowesi-7. | (1) |
| 5.2.6 | Chonga umfanekiso-ntelekelelo weliso okumqolo we-10. | (1) |
| 5.2.7 | Yintoni injongo yembongi yokuphindaphinda igama, 'ezulwini' kumqolo 6, 20, no 23? | (2) |
| 5.2.8 | Amagama abhalwe ngqindilili kumqolo we-18 kulo mbongo abonisa ukuba ivakalelwa njani imbongi ngale ntaba? | (1) |
| 5.2.9 | Ibhekisa kubani imbongi ngokwesitanza sesi-4 nesesi-5? | (2) |
| 5.2.10 | Mfundiso ni eziswa yimbongi kulo mbongo? | (2) **[35]** |

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**


WESTERN CAPE